

UOctavia nesi-8

Ibhalwe nguJacqui L'Ange | Imizobo nguJulie Smith-Belton



UOctavia ingwane wayehlala kwihlathi lembuyambuya enkulu yolwandle, emanzini abandayo acocekileyo ngaseludongeni lonxweme lweAfrika.

Ngexesha lasemini, wayephuma kuloo mqolomba wakhe unamatye azondanda phakathi kwamagqabi amade aze adlale kwimitha yelanga eyayikhanyisile isuka phezulu.

Kwakukho iikhorali ezimibala iqaqambileyo emngangathweni oyisanti, kunye nemiqolomba emihle yokuzifihla. UOctavia wayeyithanda igadi yakhe, kuba wayeneqhinga elikhethekileyo – wayekwazi ukutshintsha umbala wakhe ufane naloo ndawo aphumle phezulu kwayo. Wayekwazi nokutshintsha ulusu lwakhe lube rhabaxa njengamatye, okanye lube nameva njengekhorali.

Oku kwamenza wayincutshe ekudlaleni undize, kuba abahlobo bakhe babengakwazi tu ukumbhaqa! Ngamanye amaxesha wayezifihla de abahlobo bakhe badikwe kukumkhangela baze badade bemke. Emva koko wayephuma adade ngesantya etsazisa umsinga wamanzi emva kwakhe.

Kodwa wayefika eme qho xa efika ngasekupheleni komda wolwandle.

Le yindawo apho intsele yolwandle yayisehlela ezantsi, enzonzobileni. UOctavia wayekoyika ukuya apho.

“Ndiyakuthanda ukuba sendaweni apho kukho into endiza kukwazi ukubambelela kuyo,” waxelela abahlobo bakhe abasenyongweni abasibhozo.

“Singena nje kancinci,” batsho, “siphinde sijike.”



Kodwa noxa bazama kangangoko benako, zange bakwazi ukumenza ahambe nabo uOctavia. Wayebalinda apha ekupheleni komda, ethe ntshoo kule nzonzobila de abone loo mibala yabo iqaqambileyo isithi thuu kobo bumnyama.

Ngenye imini eyayivuthuza, amanzi ayelwatyuza. Amaza amhlophe ayebetheka emazantsi olwandle, namaza aphantsi kwamanzi ayetyhalela ingca yaselwandle ngapha nangapha, kwaye esenza, izityalo zaselwandle zidanise.

UOctavia wahamba eyokhangela abahlobo bakhe kufuphi nomda wolwandle – waze watyhaleleka ngaphaya komda!

Amaza ambhuqabhuqa emsa emazantsi emjikelezisa ngapha nangapha. Ngomothuko, uOctavia watsazisa umsinga weinki emnyama. Ngoku wayengasaboni kwanto – kwaye wayesaqhubeka ebhukuleza kwaye esihla ngokuhla. Zontathu iintliziyo zakhe zazingongoza ngamandla, kwaye wayeziva ngathi isisu sakhe siguqulelekele ngaphandle.

“Ncedani!” wakhala.



Kobo bumnyama, weva into ebamba olunye lweempodwana zakhe zokuva, yayibugopherha kwaye igudile.

“Ndikufumene!”
watsho uKhlo unonkala.

“Nam ngokunjalo!” watsho uStella
intlanzi eyinkwenkwezi, ebamba
olunye uphondwana lokuva
ngaloo ngalo yakhe inameva.

“Nam owesithathu!” watho uPJ ukrebe oyipijama.

Ngabanye ngabanye, abahlobo bakhe badada
baphuma kobo bumnyama kwaye emnye kubo ebambe
uphondwana lokuva. Nehlabathi laqalisa ukuzola.
UOctavia wabambelela nkqi wavuma bamkhokelele
egadini yakhe.

Bathi bakufumana indawo efanelekileyo, uRay wanabisa
amaphiko akhe ukuze abakhusele kuqhwithela lwamaza,
baze bonke bazisonga, bevuyela ukuba ndawonye.

Kwaye ngenxa yeqhinga elikhethekileyo likaOctavia,
kwakungekho lula ukukhawuleza utsho ukuba omnye
umhlobo uqala phi nokuba abanye baphelela phi!



UOctavia nesi-8

Ibhalwe nguJacqui L'Ange • Imizobo nguJulie Smith-Belton

Izimvo eninokuthetha ngazo

UOctavia wayesoyika ukuphuma aye ngaphaya kwesiphelo songqameko lolwandle. Yintoni oyoyikayo? Yintoni ongayenza ukuze uzive ngcono xa uziva usoyika? Khawuncede usixelele ngexesha owawusoyika ngalo waze wancedwa ngumntu okanye yinto.

Umfanekiso

Yiya kwiphetshana lemisetyenzana apha: <https://nalibali.org/story-supplies/activity-sheets>

Sebenzisa umfanekiso wokugqibela webali ukukunceda ufake imibala kubahlobo bakaOctavia.

Ukufunda

Lifunde kwakhona ibali uze wenze uluhlu lwazo zonke izinto ezifunyanwa kulwandlekazi.

Ukubhala

Yenza incwadi engabhalwanga enemilo yentlanzi okanye ucele umntu omdala akwenzele. Bhala kwaye ubonise ibali elimalunga naphantsi kolwandle encwadini. Okanye zoba imifanekiso uze ucele umntu omdala akubhalele amagama omxelela wona.

Ubuchule

Peyinta umphakathi webhokisi ngokuluhlaza okwesibhakabhaka uze wenze izinto ezincinci ezihlala phantsi kwamanzi usebenzisa amaqokobhe, iingqalutye kunye nezidalwa nezityalo zaselwandle ozenze ngemathiriyeli ebisetyenzisiwe yaze yalungiswa ukuze isetyenziswe kwakhona kunye nephepha elimibalabala.

Ukwenza

Yenza ngathi usidalwa saselwandle okanye isityalo saselwandle: hexa njengembuyambuya yolwandle, dada njengentlanzi encinci, dada njengentlanzi enkulu, kekela njengononkala uze uhambe emanzini njengengwane.